URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Frendelene Fortuin**
ICandelo loLawulo loLwabiwo noSetyenziso-mali
Frendelene.Fortuin@westerncape.gov.za | 021 467 2415

Inombolo yefayili: 18/5/5 (2023/24)
Isalathiso: 20230926-8305

ISetyhula: 0026/2023
Umhla wokuphelelwa: 31 Matshi 2025

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kumaSekela Balawuli kwizithili, kwiiNtloko zezikolo eziziipriprayimari nezezikolo ezizimeleyo ze-*ECD*, nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezineeklasi zamaBakala R

Isishwankathelo esifutshane: *Ingcaciso eya kubo bonke abathathi-nxaxheba engeenkqubo zokwenza isicelo senkxaso-mali* yeBakala R *neminye imiba echaphazelekayo.*

**Isihloko: Iinkxaso-mali zeBakala R neminye imiba enxulumene nayo ukususela nge-01 Apreli 2024**

## 1. Ulwabiwo-mali lweBakala R

Le setyhula ibhekiselele kubafundi beBakala R njengoko bechazwa kuMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho 84 ka-1996), njengoko ufakelwe izilungiso, yaye ke ngoko ayilibandakanyi iqela labafundi abaneminyaka eyi-0–4.

### 1.1 Ukufumana ingcaciso efanelekileyo

Iinkcukacha zemimiselo nemigangatho yolwabiwo-mali (*N&S*) lweBakala R kunyaka-mali oqala nge-01 Apreli 2024 ukuya kwi-31 Matshi 2025 ziyafumaneka kwi-*CEMIS* yaye zinokufunyanwa ngale ndlela ilandelayo:

(a) Ngokuloga kwi-*CEMIS*.
(b) Ngokukhetha udidi lwesikolo.
(c) Ngokukhetha isikolo.
(d) Ngokuklikha ku-"*Proceed*", kuze kukhethwe u-"*Administration*" kwi-*menu bar* kuze kuklikhwe ku-"*Norms and Standards Allocation*" emva koko kukhethwe u-"*N&S 2024/25*".
(e) Maliprintwe elo phepha.

1.2 Izabelo-mali zibalwa ngokweMimiselo *Amended National Norms and Standards for School Funding*, epapashwe kwi*Gazethi kaRhulumente* No 29179 ye-31 Agasti 2006. Ileta yesabelo-mali (njengoko kuchaziwe kwingongoma 6) iquka iinkcukacha zocazululo zolwabiwo-mali oluchaziweyo olulungiselelwe unyaka-mali ka-2024/25, kwakunye nolwabiwo-mali lwethutyana (*provisional allocations)* loonyaka-mali ababini abalandelelanayo, o.k.t. u-2025/26 no-2026/27. Zonke izabelo-mali zibalwe ngokwamanani obhaliso abafundi akwisistim i-*CEMIS*.

1.3 Ukubalwa kwesabelo-mali senkxaso-mali yeBakala R

1.3.1 Kuvunyiwe ukuhlawulwa kweenkxaso-mali kubafundi abakula maqela obudala alandelayo (ngo-2024) kwiiklasi ezivunyiweyo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo, kwizikolo zoPhuhliso lweMfundo yaBantwana aBasaqalayo (*Early Childhood Development) (ECD))* (iipriprayimari), kumaziko *e-ECD* karhulumente abhalisiweyo nakumaziko azimeleyo ukususela nge-01 Apreli 2024:

(a) abafundi abagqiba iminyaka eyi-5 phambi kwe-30 kaJuni;
(b) abafundi abaneminyaka eyi-5, nabaza kugqiba eyi-6; kunye
(c) nabafundi abaneminyaka eyi-6, abaza kugqiba eyi-7, abakuxolelweyo ukuhamba isikolo ngokweminyaka yobudala enyanzelekileyo.

1.3.2 NgokweSetyhula 0035/2022 yomhla we-26 Septemba 2022 neSetyhula 0016/2023, yomhla we-14 Juni 2023 ngokulandelelanayo, iSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe iWCED) lasebenzisa inkqubo yokubandakanywa ngokuqhubekekayo kweBakala R kwinkqubo yezemfundo eqhelekileyo *(progressive universalisation*) ngokumalunga neeprakthishina zeBakala R ngolu hlobo lulandelayo:

(a) Ootitshala abanamabanga emfundo afanelekileyo nabaqeqeshiweyo (REQV 13 no-14) baya kuqeshwa kwizithuba zootitshala zenqanaba 1 ezingenamntu/ezixhaswa ngemali; yaye

(b) Iiprakthishina zeBakala R ezingaqeqeshwanga ngokupheleleyo zaqeshwa njengeePrakthishina zeBakala R yaye zihlawulwa ngenkqubo yePESALI, kubandakanywa ne-*Unemployment Insurance Funding (UIF*)); yaye

(c) Iiprakthishina zeBakala R ezingenawo amabanga emfundo afanelekileyo zaqeshwa libhunga lolawulo yaye zafumana inkxaso-mali yestayiphendi evela kwiSebe iWCED.

1.3.3 Izikolo ziya kufumana isabelo-mali <u>ngokwezi ndidi zilandelayo</u>:

(a) Izikolo zikarhulumente

Isixa-mali senkxaso-mali ye-*N&S* ngomfundi ngamnye weBakala R ngonyaka, kubandakanywa neyona nkxaso-mali isezantsi yestayiphendi yepraktishina yeBakala R ngonyaka

| Udidi lweziko (abafundi beBakala R abangama-25 nangaphezulu) | INqanaba leNtlupheko likazwelonke (NQ) | Imeko yokuhlawula iifizi yeziko | Inkxaso-mali ye-N&S ehlawulwa ngomfundi ngamnye ngonyaka * | Inkxaso-mali yestayiphendi esezantsi yeBakala R ngonyaka ** |
|---|---|---|---|---|
| Izikolo zikarhulumente (zonke izikolo ezilawulwa ngurhulumente ezifundisa iBakala R), kuqukwa nee-*ECD* zikarhulumente | NQ1–NQ5 | Ezingahlawulisi zifizi | R1 383 | R134 577 |
| | NQ4 | Ezihlawulisa iifizi | R880 | R134 577 |
| | NQ5 | Ezihlawulisa iifizi | R420 | R134 577 |

* Isixa-mali senkxaso-mali ye-N&S ngomfundi ngamnye ngonyaka yenkcitho yokwenziwa komsebenzi engekuko ukuhlawulwa kwemivuzo, kubandakanywa ne-LTSM.

** Eyona nkxaso-mali isezantsi yestayiphendi kwiprakthishina yeBakala R **engenawo amabanga emfundo afanelekileyo** yeBakala R eqeshwe libhunga lolawulo.

Eyona nkxaso-mali isezantsi ye-*N&S* esebenza kuzo zonke izikolo zikarhulumente:

| Udidi lweziko | INqanaba lentlupheko likazwelo-nke (NQ) | Imeko yokuhla-wula iifizi yeziko | Esona sabelo-mali sisezantsi ngonyaka (ngaphantsi kwabafundi abangama-25 beBakala R) | | Esona sabelo-mali sisezantsi ngonyaka (ngaphantsi kwe-10 kubafundi beBakala R) | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | Inkxaso-mali yestayi-phendi ngonyaka | Inkxaso-mali ye-N&S ngonyaka | Inkxaso-mali yestayi-phendi ngonyaka | Inkxaso-mali ye-N&S ngonya-ka |
| Izikolo zikarhulumente (zonke izikolo ezilawulwa ngurhulumente ezifundisa iBakala R), kuquka ii-*ECD* zikarhulumente | NQ1–NQ5 | Ezingahla-wulisi zifizi | R134 577 | R33 201 | R134 577 | R16 600 |
| | NQ4 | Ezihlawu-lisa iifizi | R134 577 | R21 120 | R134 577 | R10 560 |
| | NQ5 | Ezihlawu-lisa iifizi | R134 577 | R10 080 | R134 577 | R5 040 |

Izikolo ezineprakthishina yeBakala R eqeshwe libhunga lolawulo ziya kufumana eyona nkxaso-mali isezantsi yestayiphendi ngonyaka nesona sabelo-mali sisezantsi se-N&S ngonyaka. Apho iprakthishina yeBakala R iqeshwe liSebe iWCED, isikolo siya kufumana kuphela esona sabelo-mali sisezantsi se-N&S ngonyaka. Kucelwa nijonge kwingongoma 4.1 malunga nokusetyenziswa kwenkxaso-mali.

(b) Izikolo ezizimeleyo


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department

| Udidi lweziko | Imeko yokuhlawula iifizi yeziko | Inkxaso-mali yeBakala R ngomfundi ngamnye ngonyaka * |
|---|---|---|
| Amaziko azimeleyo (zonke izikolo eziphantsi kolawulo lwabucala, ezifundisa iBakala R) | Ezingahlawulisi zifizi | R6 600 |
| | Ezihlawulisa iifizi | R3 780 |

*Inkxaso-mali yeBakala R ngomfundi ngamnye ngonyaka ibandakanya inkxaso-mali ye-*N&S* ngomfundi ngamnye kwakunye nenkxaso-mali yestayiphendi kwiprakthishina yeBakala R. Kucelwa nijonge Umihlathi 4.2 malunga nokusetyenziswa kwenkxaso-mali.

2. **Amabango nentlawulo yenkxaso-mali yeBakala R**

2.1 Amabango enkxaso-mali eBakala R aya kususelwa kwi-***Annual School Survey* (*ASS*)** yango-2024.

2.2 **Kucelwa kuqinisekiswe ukuba yonke idatha ye-*ASS* ka-2024 ichanekile yaye isayinelwe ngokungqinelana namathuba amaxesha achaziweyo. Akukho zilungiso ziya kuvunyelwa kwi-CEMIS emva kokusayinelwa kwe-*ASS*.**

2.3 Kubaluleke gqitha ukuqaphela ukuba:
(a) bonke abafundi beBakala R mabafakwe kwikhompyutha/mababhalise kwisistim i-*CEMIS*;
(b) umfundi ngamnye weBakala R makafakwe eklasini ; yaye
(c) iprakthishina yeBakala R echazwe ngokuchanekileyo mayibe yinxalenye yeklasi nganye yeBakala R. Ukuchazwa ngegama layo ipraktishina *(identification)* kubalulekile ekubalweni kwenkxaso-mali yeBakala R yamaziko.

2.4 Kwizikolo ezizimeleyo ezinebhunga lolawulo neeprakthishina zeBakala R zeSebe iWCED, iSebe iWCED liya kuqwalasela abafundi abangama-30 abona baninzi kwiklasi nganye ukwenzela ukufumana iinkxaso-mali.

2.5 Ibango linokungeniselwa intlawulo ukuba ngaba ezi mfuno zimiselweyo zingentla zifezekisiwe. Ukungaphumeleli ukuhambelana mbo nezi mfuno zimiselweyo kungakhokelela ekubeni iziko liphulukane nentlawulo yenkxaso-mali yalo okanye nenxenye yayo.

2.6 Njengenkqubo eqhubeka okokoko, amabango enkxaso-mali yeBakala R makangeniswe zizikolo ngokungena kwi-*CEMIS* ngale ndlela ilandelayo:
(a) Ngokuloga kwisistim i-*CEMIS*.
(b) Ngokukhetha udidi lwesikolo.
(c) Ngokukhetha isikolo.
(d) Ngokuklikha ku-*"Proceed"* kukhethwe u- *"Administration"* kwi-*menu bar* kuze kuklikhwe u-*"Grade R Subsidy"*.

(e) Makukhethwe u-"*Submit Application*".
(f) Makuchazwe ukuba "*Will you be applying for Grade R subsidy?*". Ngokukhetha u-*YES/NO*.

2.7 Kucelwa kuzaliswe la macandelo achaphazelekayo (*relevant fields*) afunekayo kuze kuprintwe uxwebhu lwebango lwesikolo ukulungiselela iinjongo zeerekhodi emva kokuba ibango lingenisiwe. Ibango lenkxaso-mali yesikolo liya kungeniswa ngekhompyutha kwi-ofisi yesithili echaphazelekayo. Akukho nyathelo lilelinye lifunekayo kweso sikolo.

2.8 Kucelwa kufundwe uxwebhu i-*Grade R Subsidy Claim Application System User Manual* kwi-*CEMIS* ukufumana isikhokelo senyathelo nenyathelo lenkqubo yokungeniswa kwebango lenkxaso-mali ngokuyimpumelelo.

2.9 Itotali eyi-50% yolwabiwo-mali iya kuhlawulwa ngethuba lesixa sesavenge sika-**Apreli/Meyi** size isixa sesavenge esiseleyo esiyi-50% sihlawulwe ngethuba lesixa sesavenge **sika-Oktobha/Novemba**.

2.10 Amaxesha amisiweyo emihla yenkqubo yango-2024:

**Isixa sesavenge sika-Apreli/Meyi (IKota yeSikolo 2 no-3 kunyaka wesikolo ka-2024)**

| Umhla | Inyathelo |
|---|---|
| 08 Apreli 2024 | Isistim i-*CEMIS* ivulelwa ukungeniswa kwamabango **iintsuku EZINE kuphela.** |
| 11 Apreli 2024 | Umhla wokugqibela wokungeniswa kwamabango zizikolo.<br><br>**Makuqatshelwe:** Akavumelekanga ukungeniswa kwamabango entlawulo emva kwalo mhla. |
| 18 Apreli 2024 | Ii-ofisi zezithili ziqukumbela iinkqubo zeengcebiso nokuvunywa kwamabango kwi-*Eduinfosearch*, zize zilisayinele ibango ngalinye. |
| 15 Meyi 2024 | Umhla wokugqibela wentlawulo yenkxaso-mali kwizikolo |

**Isixa sesavenge sango-Oktobha/Novemba (Ikota 4 yonyaka wesikolo ka-2023 neKota 1 yonyaka wesikolo ka-2024)**

| Umhla | Inyathelo |
|---|---|
| 07 Oktobha 2024 | Isistim i-*CEMIS* ivulelwa ukungeniswa kwamabango **iintsuku EZINE kuphela.** |
| 10 Oktobha 2024 | Umhla wokugqibela wokungeniswa kwamabango zizikolo<br><br>**Makuqatshelwe:** Akavumelekanga ukungeniswa amabango entlawulo emva kwalo mhla. |
| 17 Oktobha 2024 | Ii-ofisi zezithili ziqukumbela iinkqubo zeengcebiso nokuvunywa kwamabango kwi-*Eduinfosearch*, zize zilisayinele ibango ngalinye. |

| | |
|---|---|
| 15 Novemba 2024 | Umhla wokugqibela wentlawulo yenkxaso-mali kwizikolo. |

2.11 Okuqhubekayo ngebango

Okuqhubekayo kwibango kunokulandelelwa kwisistim i-*CEMIS* yaye kunokungenwa kuyo ngale ndlela ilandelayo:

(a) Ngokuloga kwisistim i-*CEMIS*.
(b) Ngokukhetha udidi lwesikolo.
(c) Ngokukhetha isikolo.
(d) Ngokuklikha ku-"*Proceed*" kuze kukhethwe u-"*Administration*" *option* kwi-*menu bar* kuze kuklikhwe u-"*Grade R Subsidy*".
(e) Makukhethwe u-"*Claim status*".

3 **Izikolo ezingahlawulisi zifizi**

3.1 Izikolo ezingahlawulisi zifizi ezifumana inkxaso-mali yeBakala R kuRhulumente azivumelekanga ukuhlawulisa iifizi zesikolo zabafundi beBakala R (makufundwe uxwebhu i-*National Financial Management Guidelines in Respect of Schools Offering Grade R Classes, October 2009*, ikhasi 4).

3.2 Abazali banokucelwa ukuba bahlawule ngokuzithandela (*voluntary contributions*) kodwa ezi ntlawulo azinyanzelekanga yaye mazingaze zisetyenziselwe ukuvalela ngaphandle abafundi abanabazali abangenakuzihlawula ezi ntlawulo zilolu hlobo.

4 **Ukusetyenziswa kwesabelo-mali seBakala R**

4.1 Inkxaso-mali yestayiphendi seprakthishina eBakala R **engenawo amabanga emfundo afanelekileyo**

(a) Izikolo zikarhulumente
Iiprakthishina zeBakala R ezisezikolweni (eziqeshwe libhunga lolawulo) kuzo zonke izikolo zikarhulumente mazifumane esona sabelo senkxaso-mali sisezantsi se-R134 577 ngonyaka (i-R11 215 ngenyanga) esihlawulwa ngomatshini kabini ngonyaka (*biannually*).

(b) Izikolo ezizimeleyo
Amabhunga olawulo azo zonke izikolo ezizimeleyo makawongeze umvuzo wepraktishina yeBakala R ukwenzela ukuba iprakthishina ifumane isixa esingaphezulu kwesona sixa somvuzo sisezantsi se- R134 577 ngonyaka (R11 215 ngenyanga) okanye ngaphezulu.

4.1.2 Amabhunga olawulo kufuneka abhalise njengabaqeshi kwi-*South African Revenue Service*. Iintlawulo ii-*UIF* kunye ne-*PAYE* kufuneka zitsalwe kumvuzo weprakthishina yeBakala R zize zihlawulwe kumaSebe kaRhulumente afanelekileyo.

4.2 Inkxaso-mali ye-N&S

Injongo yenkxaso-mali kukuhlawula naziphi na iindleko ezingezizo ezokuhlawulwa kwemivuzo ezifana nezibonelelo zokuxhasa ukufunda nokufundisa *(LTSM)* kunye neendleko zokwenziwa komsebenzi ezifana nee-akhawunti zeenkonzo zikamasipala, ii-akhawunti zefoni, ezokukopa nokuprinta, ezezinto zokucoca, ezokulungiswa kweeklasi zeBakala R, kunye naziphi na ezinye iinkonzo ezifunwa ziiprakthishina zeBakala R. Kucetyiswa ukuba inkxaso-mali ye-*N&S* yahlulwe ngolu hlobo lulandelayo:

4.2.1 Izikolo zikarhulumente

(a) Yi-50% yenkxaso-mali eyabelwa i-*LTSM* kuqukwa zombini iindidi ze-*LTSM* ezisetyenziswa ngaphakathi nangaphandle ukulungiselela abafundi beBakala R. Zonke ii-*LTSM* ezithengiweyo mazirekhodwe kwi-inventri yeklasi yeBakala R

(b) Yi--50% yenkxaso-mali eyabelwa ukuhlawula iindleko zokwenziwa komsebenzi. Iindleko zokwenziwa komsebenzi ziindleko eziqhubekeka okoko ezenzekayo xa kwenziwa imisebenzi yemihla ngemihla.

4.2.2 Izikolo ezizimeleyo

Izikolo mazibekele bucala inxalenye yenkxaso-mali yazo yeBakala R yeendleko zabasebenzi ngokomhlathi 4.1.1 (b), kunye nenxalenye eya kwiindleko ezingezizo ezabasebenzi.

5. **Iimfuno ezimiselweyo zokunika ingxelo**

Makulandelwe mbo iimfuno ezimiselweyo zokunika ingxelo eziqhelekileyo njengoko zichaziwe zii-ofisi zezithili, ukwenza intlawulo yenkxaso-mali elandelayo.

6. **Iileta zeBakala R**

6.1 Ileta yolwabiwo-mali lokugqibela

6.1.1 Iileta zolwabiwo-mali lokugqibela (ngokususelwa kumanani obhaliso esaveyi ye-ASS ka-2024) ziya kupapashwa kwisistim i-*CEMIS* ungadlulanga owe-31 Matshi 2024.

6.1.2 Izikolo zingajonga yaye ziprinte ileta yolwabiwo-mali yokugqibela kwisistim i-*CEMIS* ngale ndlela ilandelayo:

(a) Ngokuloga kwisistim i-*CEMIS*.

(b) Ngokuklikha u-"*Proceed*", emva koko kukhethwe u-"*Administration" option* kwi-*menu bar* kuze kuklikhwe ku-"*N&S Allocation*".

(c) Makukhethwe u-"*N&S 2024/25 Final*".

6.2 Ileta ebonisa intlawulo yenkxaso-mali

6.2.1 Iileta zentlawulo zeenkxaso-mali, ngokusekelwe kwinani labafundi ababhalisiweyo abavunyiweyo yi-ofisi yesithili echaphazelekayo, ziya kufumaneka kwisistim i-*CEMIS* emva kwesixa sesavenge ngasinye esihlawulweyo.

6.2.2 Izikolo zinokujonga yaye ziprinte ileta yentlawulo yenkxaso-mali kwisistim i-*CEMIS* ngale ndlela ilandelayo:

(a) Ngokuloga kwisistim i-*CEMIS*.

(b) Ngokuklikha u-*"Proceed"*, emva koko kukhethwe u-"*Administration" option* kwi-*menu bar* kuze kuklikhwe ku-*"Grade R Subsidy"*.

(c) Makukhethwe u-*"Subsidy payment letter"*.

(d) Makukhethwe u-Print" (ukufumana ikopi eprintiweyo).

7. **Iinombolo zoqhagamshelwano xa kukho imibuzo:**

| **Isihloko** | **Igama** | **Iinkcukacha zoqhagamshelwano** |
|---|---|---|
| Ulwabiwo-mali *lweN&S* neentlawulo ezenziwe ngoomatshini kwizikolo neminye imibuzo engeenkxaso-mali zeBakala R (izabelo-mali ze-*N&S*) | Makuqhagamshelwane negosa leBakala R elichaphazelekayo kwinqanaba lesithili. | Eze-ofisi yesithili esichaphazelekayo |
| Imibuzo emalunga nesistim i-*CEMIS* | Makuqhagamshelwane nomlawuli wesistim i-*CEMIS* ochaphazelekayo kwinqanaba lesithili | Inombolo yoqhagamshelwano ye-*CEMIS* iyafumaneka phantsi kwe-"*CEMIS Support" menu option* |

8. Kucelwa wazise okukule setyhula bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-B WALTERS
**INTLOKO YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2023-10-02